basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL ASSESSMENT
# GENERAL EDUCATION CERTIFICATE (GEC)

## 2024 GRADE 9 PILOT STUDY

| | |
|---|---|
| Isifundo : | IsiXhosa uLwimi Lokuqala Olongezelelweyo |
| Amanqaku: | 70 |
| Ixesha: | 150 imizuzu<br>**Akufakwanga** imizuzu eli **–** 15 yokufunda |

Olu vavanyo lunamaphepha **angama-23** kungabalwanga iphepha eligqumayo.

**Imiyalelo eya kubafundi**

1. Uza kunikwa imizuzu eli – 15 yokufunda phambi kokuba ubhale olu vavanyo .
2. Funda imiyalelo nemibuzo ngocoselelo.
3. Phendula yonke imibuzo.
4. Sebenzisa incwadana oyinikiweyo ukuphendula imibuzo.

**Uvavanyo luqala kwiphepha elilandelayo.**



**Musa ukutyhila iphepha de uyalelwe ukulityhila.**

Umbuzo 1

Funda esi sicatshulwa wandule uphendule imibuzo elandelayo.

**Amabhokobhoko aziintshatsheli**

1 Ukuphumelela kwindebe yehlabathi yombhoxo ngonyaka wama – 2023 kwinyanga yeDwarha, yayiyimpumelelo yawo yesine bebizwa ngokuba ziintshantsheli zehlabathi. Umdlalo wokugqibela wawudlalelwa kwibala iStade de France eParis, kulo mdlalo bebedlala neNew Zealand eyayizimisele. Bayasebenza mfondini! Benze imbali ngokuphakamisa indebe iWebb Ellis izihlandlo ezine. <u>Kwakuxhel'exhukwana</u> kubemi bonke baseMzantsi Afrika, kwezi zihlandlo zine, ezibini kuzo babekhokelwe nguSiyamthanda Kolisi uMgqwashu kwedini.

2 Ekufikeni kwabo eMzantsi Afrika bamkelwe njengeentshantsheli zehlabathi. Umsitho omkhulu wolwamkelo lwabo wabanjelwa eUnion Buildings ePitoli. Kwacetywa iindlela ezaziza kusetyenziswa ukubonisa ngale ndebe kubemi boMzantsi Afrika. Kuhambo lwabo bandwendwela ezi dolophu iKapa, iTheku bagqibelisa ngeMonti.

3 Amabhokobhoko abhiyozela impumelelo yawo ngokungena ezitalatweni zedolophu yaseMonti, neelokishi eziquka uMdantsane, eZiphunzane neAmalinde eqhayisa ngendebe yeWebb Ellis. Kumhla wabo wokugqibela eMonti, ukapteni uSiyamthanda Kolisi wenza umbulelo omkhulu ngenkxaso abayinikwe ngabemi boMzantsi Afrika. Olu hambo lwabadlali lwabenza bakufutshane kakhulu kubemi boMzantsi Afrika.

4 USiya Kolisi uvale olu hambo ngokwenza umbulelo ongazenzisiyo kubantu baseMzantsi Afrika abaxhase iqela lesizwe ngexesha kwakunzima eFrance nasemva kokubuya kwabo nendebe. Wathi kumazwi akhe "siliqela besidlalela ukunika abantu baseMzantsi Afrika ithemba. Ngokuphumelela kwethu sifuna ukuthi kubo nabo impumelelo bangayifumana nokuba baphuma kwiimeko ezinjani, nakweyiphi na inkalo." Ukapteni ubalule ukumanyana kwabantu njengeyona nto ibalulekileyo. Phambi kokuya kwabo

kule tumente bathembisa ukudlalela izigidi zabantu baseMzantsi Afrika. Wabulela ngenkxaso abayinikwe ngabantu ngeli xesha bejikeleza emaphondweni nale ndebe. Kwakumnandi ukubona abantu bevuya ngonyaka wama – 2019 kodwa unyaka wama-2023 ubunochatha. Into esasiyifuna thina kukuphakamisa ilizwe lethu ngombhoxo.

UMphathiswa wezemidlalo uZizi Kodwa ubonakalise uchulumanco yindlela abemi boMzantsi Afrika abalixhase ngalo iqela lesizwe lombhoxo watsho esithi unethemba lokuba namanye amaqela esizwe aza kuzeka mzekweni. Kungakuhle ukuba umanyano nenkxaso olubonakaliswe ngabemi boMzantsi Afrika lungabonakaliswa nakwamanye amaqela esizwe. Ngaphezu kwako konke, umbhali uzicacise ngokuthe gca iimvakalelo nolonwabo lwabemi boMzantsi Afrika.

[Sithatyathwe kwiSolezwe umhla we – 09 Novemba 23 saze sahlelwa]

1.1 Ukuphunyelelwa kwendebe yehlabathi ngamabhokobhoko kusibonise ntoni ngabemi baseMzantsi Afrika?

A Kwenze iyantlukwano eluntwini.
B Kubonakalise amandla enguquko kwisizwe jikelele.
C Kuphazamise ukubhiyozwa kwale ndebe.
D Kubangele ukungaboni ngaso nye kwabantu. (1)

1.2 Leliphi iqela eloyiswe ngamabhokobhoko kulo mdlalo?

A Liqela laseFrance
B Liqela laseIreland
C Liqela laseNew Zealand
D Liqela laseNamibia (1)

1.3 Ukuzeka mzekweni.

Khetha intsingiselo yebinzana elibhalwe ngasentla.

A Kukwenza oko kungenziwayo

B Kukuphambuka endleleni

C Kukulandela ekhondweni

D Kukuphazamiseka endleleni (1)

1.4 Mdlalo mni ophunyelelwe liqela lamabhokobhoko?

A Ngumdlalo wentenetya.

B Ngumdlalo womnyazi.

C Ngumdlalo weqakamba.

D Ngumdlalo wombhoxo. (1)

1.5 Bobuphi ubungqina obukhoyo kule tekisi obubonisa ukuba amabhokobhoko aye aphumelela indebe yehlabathi?

A Amabhokobhoko ayebonisa ngendebe abayiphumeleleyo kubemi boMzantsi Afrika.

B Amabhokobhoko aye abethwa liqela leNew Zealand kwindebe yehlabathi.

C Amabhokobhoko aphume kwisigaba sokuqala kumdlalo wendebe yehlabathi.

D Amabhokobhoko awazizo intshatsheli zombhoxo kwindebe yehlabathi. (1)

1.6 Khetha kwezi zivakalisi zingezantsi esishwankathela kakuhle umyalezo wesi sicatshulwa.

A Impumelelo yamabhokobhoko ibangele iyantlukwano eMzantsi Afrika.

B Impumelelo yamabhokobhoko ibangele umanyano nenkxaso eMzantsi Afrika.

C Impumelelo yamabhokobhoko ibangele uqhushululu eMzantsi Afrika.

D Impumelelo yamabhokobhoko ibangele unxunguphalo eMzantsi Afrika. (1)

1.7 Khetha igama elithetha into enye neli ‘uchulumanco’.

A usizi

B ukubaphakuphaku

C ulonwabo

D udandatheko (1)

1.8 Ucinga impumelelo yamabhokobhoko ibe luncedo kuMzantsi Afrika?

A Hayi ayibanga luncedo  kuba abantu baye baphelelwa ngumdla.

B Hayi abanye abantu abawuthandi umdlalo wombhoxo

C Ewe kuba izise uvuyo kwiintlanga zonke ehlabathini.

D Ewe kuba iye yavuselela umdla, umanyano nothando lwezemidlalo. (1)

1.9 Iintshatsheli zihle zinyuka.

Nika intsingiselo yeli binzana lingentla.

A Ukwehla intaba

B Ukunyuka ngokungxama

C Zijikeleze ilizwe

D Ukwehla ngokukhawuleza (1)

1.10 Amabhokobhoko adlale ngokuzimisela ngonyaka wama – 2019 kodwa owama – 2023 ubunochatha.

Usibonisa ntoni umbhali ngesi sivakalisi singasentla?

A Usibonisa ukuba amabhokobhoko awayiphuculanga indlela abadlala ngayo.

B Usibonisa ukuba amabhokobhoko awasebenzanga ngokuzimisela emdlalweni wabo.

C Usibonisa ukuba amabhokobhoko asebenzile emdlalweni wabo.

D Usibonisa ukuba amabhokobhoko abonakalise amandla okusebenzisana beliqela. (1)

1.11 Le yayiyimpumelelo yesine yamabhokobhoko.

Umbhali unika yiphi ingcamango ngempumelelo yamabhokobhoko?

A Usinika ingcamango yokuba amabhokobhoko zintshatsheli kabini.

B Usinika ingcamango yokuba amabhokobhoko ayadlala.

C Usinika ingcamango yokuba amabhokobhoko ayizizo intshatsheli.

D Usinika ingcamango yokuba amabhokobhoko adlale ngokuzimisela. (1)

1.12 Yinyani okanye bubuxoki impumelelo yamabhokobhoko izise umanyano eMzantsi Afrika?

- A Bubuxoki kuba abantu abazange bavuyisane nabadlali bombhoxo.
- B Bubuxoki kuba abantu abadala nabancinci ababhiyozanga kunye.
- C Yinyani kuba abantu beli bafumene imali.
- D Yinyani kuba izise utshintsho nomanyano kubemi beli. (1)

1.13 Yohluke njani impumelelo yezinga lomdlalo wamabhokobhoko wonyaka wama-2019 nonyaka wama-2023?

- A Kunyaka wama-2019 izinga lomdlalo belikwiqondo eliphezulu kodwa umanyano luhexa.
- B Kunyaka wama-2023 babonakalise umanyano, intsebenziswano nokuzithemba kwabadlali.
- C Kunyaka wama-2019 izinga belikwiqondo eliphantsi kakhulu abadlali bezimisele.
- D Kunyaka wama-2023 akuzange kubekho umanyano kubadlali kuba babedlala bengazimiselanga. (1)

1.14 Nika intsingiselo yesaci “uxhel’exhukwana”?

- A kukonwaba
- B kukukhathazeka
- C kukutyhafa
- D kukudana (1)

1.15 Kakade amabhokobhoko ayeza kuwuphumelela lo mdlalo nokuba bekumnyam’entla.

Ingaba umbhali usebenzise oluphi ulwimi kwisivakalisi esingentla?

A Ulwimi olulukuhlayo

B Ulwimi oluqhathayo

C Ulwimi olulumkisayo

D Ulwimi olukhuthazayo (1)

1.16 Ngcingane yiphi enikwa ngumbhali ngolwamkelo lwamabhokobhoko kumhlathi wesi -3?

A Kukwamkelwa kwawo ngezandla ezishushu.

B Kukwamkwelwa kwawo ngezandla ezipholileyo.

C Kukwamkelwa kwawo ngezandla ezibandayo.

D Kukwamkelwa kwawo ngezandla ezidikidiki. (1)

1.17 Bayasebenza mfondini benze imbali, ngokuphakamisa indebe iWebb Ellis izihlandlo ezine.

Msebenzi mni owenziwe sisiphumlisi kwisivakalisi esingentla?

A Sisebenze njengesinqumamisi

B Sisebenze njengombuzo

C Sisebenze njengesingxi

D Sisebenze njengesikhuzo (1)

1.18 Amabhokobhoko enza adume ngazo.

Chaza intsingiselo yesivakalisi esingentla.

A Amabhokobhoko aphumelele izihlandlo ezibini indebe yehlabathi.

B Amabhokobhoko ebeqala ukuphumelela indebe yehlabathi.

C Amabhokobhoko akazange ayiphumelela indebe yehlabathi

D Amabhokobhoko seyingamatyeli amane bebuya nendebe yehlabathi. (1)

1.19 Mvakalelo ni eboniswa ngumbhali kwesi sicatshulwa?

A Umbhali uqumbile kuba ambhokhobhoko aphumelele

B Umbhali ukhathazekile kuba amabhokobhoko aphumelele

C Umbhali udanile kuba amabhokobhoko aphumelele

D Umbhali wonwabile kuba amabhokobhoko aphumelele (1)

1.20 Ingaba esi sicatshulwa sijoliswe koobani?

A Kubantwana abadlala umbhoxo

B Kubadlali abadlala umbhoxo

C Kubazali ababukela umbhoxo

D Kubalandeli abathanda umbhoxo. (1)

1.21 Ingaba isihloko esithi ‘amabhokobhoko aziintshantsheli’ sithetha ukuthini kubemi boMzantsi Afrika?

A Sithetha ukuthi eli qela liyoyisakala kumdlalo.

B Sithetha ukuthi umqeqeshi uyoyiswa kukulawula.

C Sibonisa impumelelo kumgangatho wokhuphiswano.

D Sibonisa ukungazithembi kweqela kulo mdlalo. (1)

1.22 Wavakalelwa njani uMphathiswa wezeMidlalo ngempumelelo yamabhokobhoko?

A UMphathiswa wavuya ngempumelelo yamabhokobhoko.

B UMphathiswa udanile ngempumelelo yamabhokobhoko.

C UMphathiswa uphoxekile ngempumelelo yamabhokobhoko.

D UMphathiswa ukhathazekile ngempumelelo yamabhokobhoko. (1)

1.23 Ngenxa yentsebenziswano yabadlali ulibona linjani ikamva lamabhokobhoko?

A alikho

B limfiliba

C alucacanga

D liqaqambile (1)

1.24 Ngokwesicatshulwa, ingaba umbhali uphumelele ukucacisela abantu ngempumelelo yamabhokobhoko?

A Uphumelele kuba ucacise gca imvakalelo nolonwabo lwabemi boMzantsi Afrika.

B Uphumelele kuba uchaze inxalenye yako.

C Akaphumelelanga kuba akacacisanga ngokubhiyoza kwabo.

D Akaphumelelanga kuba akachazanga konke okwakusenzeka.

(1)

1.25 Ingaba umbhali ubeneyiphi injongo ngesi sicatshulwa?

A Usikhuthaza ukuba simanyane sixhase umdlalo wombhoxo

B Ufuna abantu bayeke eminye imidlalo baxhase umbhoxo

C Akafuni bantu abalandela umdlalo wombhoxo.

D Ucebisa abantu ukuba bajongane neminye imidlalo. (1)

**[25]**

Umbuzo 2

2.1 Isibhengezo-ntengiso




[Sicatshulwe kugoogle saze sahlelwa ukulungiselela uviwo]

2.1.1 Yintoni injongo yesi sibhengezo-ntengiso?

A Kukukhuthaza ulutsha ukuba luhambele kude kule Academy.

B Kukukhuthaza ulutsha lungahlali kule Academy.

C Kukukhuthaza ulutsha lube yinxalanye yale Academy.

D Kukukhuthaza ulutsha lungayisebenzisi le Academy. (1)

2.1.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso?

A Sijoliswe kumlisela nomthinjana.
B Sijoliswe kumaxhego athanda umbhoxo.
C Sijoliswe kulutsha oluneminyaka eli –12 – 20.
D Sijoliswe kubafundi abadlala ibhola. (1)

2.1.3 Chaza ukuba kutheni isihloko esithi ZIMBA'S ACADEMY siqaqambile kuneminye imibhalo kule ntengiso?

A Kubhidwa abathengi abagqitha ngendlela.
B Kukuloba umdla kubathengi abagqitha ngendlela.
C Kukuqhatha abathengi bagxalathelane ukuza.
D Kukuloba amaxhego athanda umdlalo mbhoxo. (1)

2.1.4 Sithini isilogan sesi sibhengezo-ntengiso?

A Yonwabela yonke imidlalo.
B Unawo umdla wombhoxo.
C Yonwabela umdlalo wombhoxo.
D Funda umdlalo wombhoxo. (1)

2.1.5 Ingaba umthengisi uphumelele ekugqithiseni umyalezo wale ntengiso?

A Akaphumelelanga kuba iinkcukacha zesibhengezo ziyaphazamisa.
B Akaphumelelanga kuba iinkcukacha zesibhengezo aziphelelanga.
C Uphumelele kuba inxalenye yeenkcukacha zesibhengezo iyavela.
D Uphumelele kuba usinikile zonke iinkcukacha ngesi sibhengezo. (1)

**[5]**

## 2.2 Ikhathuni

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo esekelwe kuyo.




[Icatshulwe kuzitscartoon yaze yahlelwa]

| | | |
|---|---|---|
| 2.2.1 | Baphi aba bantu abakule khathuni? | (1) |
| 2.2.2 | Chaza imvakalelo kamama kaZipho kule khathuni? | (1) |
| 2.2.3 | Le ntetho kaZipho ithi andiyifumani impahla ifanelekile kumntwana olingana nalo simbona kule khathuni? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 2.2.4 | Ungamchaza njengomntwana onjani uZipho xa ujonge isenzo sakhe kule khathuni? Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 2.2.5 | Tolika ingcingane yomntu ome emva koZipho. | (1) |
| 2.2.6 | Myalezo mni odluliswa yile khathuni? | (1) |

Umbuzo 3

Isishwankathelo

Funda esi sicatshulwa ze ushwankathele uchaze iindlela zokonga amanzi yonke imihla.

1. Dwelisa iingongoma ezisiXHENXE kwizivakalisi.
2. Nombola izivakalisi ukusuka kwingongoma yoku-1 ukuya kweyesi-7.
3. Bhala ingongoma ibe NYE kwisivakalisi.
4. Sebenzisa awakho amagama kangangoko unako.
5. Isishwankathelo kufuneka sibe ngamagama angama-70-80.
6. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo .
7. Musa ukubhala isihloko kwisishwankathelo.

**Ezinye iindlela zokonga amanzi yonke imihla**

Ngexeshana nje elincinane sinokufezekisa iziphumo ezintle. Ngamanye amaxesha asizibuzi ukuba singenza njani ukuba iplanethi yethu ingabi nengxaki yonke imihla. Ubume bendalo bufuna uncedo lwethu kwaye siyeke ukucinga malunga nendlela esiphila ngayo nendlela esiyonakalisa ngayo rhoqo. Zininzi iindawo ezithwaxwa yimbalela ngenxa yokunqongophala kwamanzi. Izixhobo zendalo azipheli kwaye ke kufuneka sazi ukuba masonge njani kuzo. Ukuba uthanda ukuhlamba, makube kanye ngosuku.

Vala iimpompo zamanzi xa ungazisebenzisi ufundise wonke umntu osendlwini. Kubalulekile ukuba xa singasebenzisi iimpompo sizivale. Xa sihlamba amazinyo kuyafuneka siyivale impompo yamanzi kodwa amaxesha amaninzi asiyenzi loo nto. Qokelela amanzi xa unako ukhongozele ngezitya xa uvulele iimpompo ukuze kuphume amanzi ashushu. Ngale ndlela siya kuba noqoqosho ngakumbi kokusingqongileyo. Lungisa iitepu, imibhobho nezindlu zangasese ezivuzayo. Iindawo ezivuzayo ezincinci zinokuchitha isixa esikhulu samanzi ekuhambeni kwexesha.

Qokelela amanzi emvula xa kunetha uze uwasebenzise xa unkcenkceshela. Kwezinye iindawo iyanetha kwezinye iindawo inetha kancinci. Ingangumbono olungileyo ukuba nezikhongozeli ngaphandle ukuqokelela amanzi emvula. La manzi acocekile anokusetyenziswa kwiintsuku zokunqaba kwemvula.

Hlamba iziqhamo, imifuno nako konke oza kukupheka kwizikhongozeli. Endaweni yokuhlamba iziqhamo okanye imifuno phantsi kwamanzi abalekayo, sebenzisa izikhongozeli uhlambe oku kutya kuzo. La manzi angasetyenziswa kamva kwizityalo. Ngale ndlela siyakuphepha ukusebenzisa kakhulu amanzi kwezi zinto zincinci.

Thenga izixhobo ezifanelekileyo zombane ezithatha umthamo omncinci wamanzi. Oku kubaluleke kakhulu, kuba ukusetyenziswa kwezixhobo zethu kusebenzisa isixa esikhulu samanzi kwaye akongi manzi. Namhlanje uninzi lunokulawula ubungakanani bamanzi abawasebenzisayo ngokomthwalo abawuthweleyo. Oko kukuthi, nokuba singafaka kumatshini wokuhlamba iimpahla ogcweleyo, amanzi alinganayo ngekhe asetyenziswe.

[Ithatyathwe kuhttps//www.vukuzenzele.gov.zafiles 1 Nov 2015

**[10]**

Umbuzo 4

Funda esi sicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**Idonki iba iintliziyo zabantu**

UShaza wayelithokazi ledonki elinenyanga ezili-18 emnyama ngombala. Wayedume kakhulu kuFacebook esaziwa ngumntu wonke. Wonke umntu wayefuna ukubona imifanekiso kaShaza apha kuFacebook. Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kwezinye.

UMnu Zamile ongumninimzi kule ndawo uShaza wayegcinwe kuyo, kwakukudala enqwenela ukufuya idonki aza kuyikhulisa kwifama yakhe ekuMntla Koloni. Yena nomntakwabo uFundile beva ngedonki eyayinkedama yayihlala yodwa baza baya kuyithatha kule ndawo yayihlala kuyo. Wayithabatha uMnu Zamile le donki waze wayibiza ngokuba nguShaza. UShaza wayeneenyanga ezimbini kuphela ezelwe. UShaza wakhulela kwikhaya lakwaZamile eyinxalenye yolo sapho. Wayethanda ukuthwala umnqwazana nokunxiba iimpahla efaniswa nomntu. Wakha ubuhlobo neehagu, iinkukhu kunye namathole amabini kulo mzi. Wayevuya kakhulu xa ebona uZamile okanye esiva ilizwi lakhe. Ukufika kukaZamile eqhuba iveni yakhe uya kubona ngaye uShaza etsiba, ebaleka esiya kuye. Le donki iyathanda ukuba phakathi kwabantu uya kubona ngabantu bevuya, beyibuka ugqibe uthi iyaziba iintliziyo zabantu.

[Sithathwe kwi-internet saze sahlelwa ukulungiselela uviwo]

4.1 Chonga isibizo esimbaxa kwezi ezidweliswe ngezantsi.

A umninimzi
B umnikazi
C umfama
D umthandi (1)

4.2 UShaza wayelithokazi ledonki.

Jonga isivakalisi esingasentla uze uchaze ukuba luhlobo luni lwesivakalisi.

A Isivakalisi esimbaxa

B Isivakalisi esibuza umbuzo

C Isivakalisi esinzima

D Isivakalisi esilula (1)

4.3 Nika isithethantonye segama ‘enqwenela’ ngokomxholo wetekisi.

A ezama

B elangazelela

C ephikisana

D engxamile (1)

4.4 Wayethanda ukuthwala umnqwaz<u>ana</u>

Xela umsebenzi wesimamva esikrwelwe umgca kwigama elingasentla.

A Sibonisa ubuncinane ngokwenziwa

B Sibonisa ubukhulu ngokwenziwa

C Sibonisa ubukhulu ngenkangeleko

D Sibonisa ubukhulu xa usijonga (1)

4.5 Umfama <u>ozithobileyo</u> uphumelele.

Xela igatya elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi singasentla.

A Igatya eliyintloko

B Igatya sihlomelo sexesha

C Igatya elibalulayo

D Igatya lobalulo olungathanga ngqo (1)

4.6 Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kunezinye. Abantu bengenalwazi ngayo.
Dibanisa ezi zivakalisi zibini ngesihlanganisi esichanekileyo.

A Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kunezinye xa bengenalwazi ngayo.
B Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kunezinye kodwa bengenalwazi ngayo.
C Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kunezinye kungoko bengenalwazi ngayo.
D Abantu babezibuza imibuzo emininzi ngale donki yahlukileyo kunezinye kuxa bengenalwazi ngayo. (1)

4.7 UShaza wayelithokazi ledonki elineenyanga ezili-18 emnyama ngombala.
Chonga isibaluli kwesi sivakalisi singasentla.

A luhlaza
B lakhe
C mnyama
D bomvu (1)

4.8 Usapho lakwaZamile lwaluhlala kuMntla Koloni.
Sisetyenziswe njani isihlomelo kwisivakalisi esingesentla?

A Sibonisa ubunjani
B Sibonisa indawo
C Sibonisa ixesha
D Sibonisa ubukhulu (1)

4.9 Khetha isivakalisi esithatha iinjongosenzi ezimbini?

A UZamile ufuye idonki kwifama.
B UZamile ufuye iinkukhu ekhaya.
C UZamile ufuyise uFundile idonki.
D UZamile ufuye iihagu ezinkulu. (1)

4.10 Sebenzisa igama 'ibala' kwisivakalisi liphuhlise intsingiselo eyahlukileyo kule ekwisicatshulwa.

A UShaza uyalithanda ibala lempahla zakhe.
B UShaza uyalithanda ibala lakhe lokuzalwa.
C UShaza ebesoloko efumaneka kwibala lokudlala.
D UShaza uthanda ibala lomnqwazi wakhe. (1)

4.11 UShaza wayethanda ukuthwala umnqwazana......
Sesiphi isafobe?

A isikweko
B isifaniso
C isigqebelo
D isimntwiso (1)

4.12 UMnumzana uZamile uhlala nedonki.
Chonga isifinyezi esifanelekileyo segama uMnumzana.

A UMnu
B Umnumz
C umnu
D Umnzn (1)

4.13 Ingaba uShaza wayelithokazi ledonki?

Chaza umsebenzi wolu phawu lokubhala olu setyenziswe kwisivakalisi esingasentla.

A Luphawu olubonisa isingxi
B Luphawu olubonisa isikhuzo
C Luphawu olubonisa umbuzo
D Luphawu olubonisa isiphumlisi (1)

4.14 Wonke umntu wayefuna ukubona umfanekiso kaShaza.

Loluphi udidi lwesimelabizo olusetyenziswe kwisivakalisi esingasentla.

A Isimelabizo sokukhomba
B isimelabizo sokukumbi
C Isimelabizo soquko
D Isimelabizo soqobo (1)

4.15 Khetha isivakalisi esibhalwe gwenxa kwezi uzinikwe ngezantsi.

A UShaza ukhulele kwikhaya lakwaZamile
B UShaza ukulele kwikaya lakwaZamile
C UShaza uhlala kwikhaya lakwaZamile
D UShaza wakhuliswa kwikhaya lakwaZamile (1)

4.16 UShaza wafunyanwa ngumfama waseMntla Koloni eneenyanga ezintlanu.

Chaza ixesha lesenzi kwesi sivakalisi singasentla.

A Ixesha elizayo
B Ixesha elidlulileyo
C Ixesha langoku
D Ixesha eladlulayo (1)

4.17 UShaza uthi, “ndiyakuthanda ukuthwala umnqwazi”

Guqula le ntetho ingentla ibe kwingxelo ntetho.

A UShaza uthi uyakuthanda ukuthwala umnqwazi.

B UShaza uthe wayekuthanda ukuthwala umnqwazi.

C UShaza ebethe uyakuthanda ukuthwala umnqwazi.

D UShaza ebesithi uyakuthanda ukuthwala umnqwazi. (1)

4.18 Ukunxityiswa kwedonki impahla kuzisa ngcinga yiphi kumfundi?

A Kubonisa uthando nokukhathalelwa kwedonki.

B Kubonisa ukusetyenziswa nzima kwedonki.

C Kubonisa ukuxhatshazwa kwedonki.

D Kubonisa ukuthathelwa amalungelo edonki . (1)

4.19 UShaza uziva njani ngokuba yinxalenye yosapho lakwaZamile?

A UShaza uziva onwabile yimpatho entle.

B UShaza uziva exhalabile yile mpatho.

C UShaza uziva exhatshazwa lolu sapho.

D UShaza uziva elilolo kolu sapho. (1)

4.20 Nika intsingiselo yeli gama ‘inkedama’.

A Ngumntu ongenabo abazali

B Yidonki elahlekileyo

C Ngumntu ofunisa ngabazali

D Yidonki ekhangela indawo (1)

**[20]**

**Isiphelo**